basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## 2018

## IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 80**

**Le memorandam inamaphepha angama-34.**

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI / BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

***VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela**

**IMIHOBE EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SESIHOBE)**

**'INTLAKOHLAZA' – JJR Jolobe**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-35 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Isigama esichongwe yimbongi siqulethe umxholo onentsingiselo efihlakeleyo, sisetyenziselwe ukunonga, ukudlulisa umyalezo, imfundiso nomxholo wombongo.

- Kumqolo 1: Imbongi isebenzise isimntwiso xa isithi 'Ntlakohlaza, siyakubulisa', ingathi ibhekisa emntwini ogama linguNtlakohlaza, ukubulisa kubonakalisa ukwamkeleka kokufika kwexesha lentlakohlaza.
- Kumqolo wesi-2 uthi; '**Mvuseleli, sithi tyaph'ufike'**. U-Mvuseleli sisimntwiso esibonisa ithemba eliza nexesha lentlakohlaza kuba bekusele kubonakala ukuba bebengasalonwabelanga ixesha lasebusika.
- **'Ubulusizi umhlaba ukhedamile':** Sisimntwiso esinika umfanekiso-ngqondweni weliso ubona umntu ebeke isandla esidleleni xa kukho okungamonwabisanga emphefumlweni, ukubonisa unxunguphalo ngexesha lasebusika.
- **Uxwebil`uhlininika, umbi**': Umfanekiso-ngqondweni-weliso ogxininisa umbono ongabukelekiyo owenziwe bubusika endalweni.
- **'Namhla uyancuma, uyahleka**'Isimntwiso esizoba umfanekiso womhlaba uncumile, uhleka, ukuphuhlisa ukonwatyelwa kobuhle, impilo nobomi obuze nexesha laseNtlokohlaza.
- **Ntlakohlaza, siyakubulisa!** Kusetyenziswe uphindaphindo lomqolo ukugxininisa indlela abaluthakazelela ngayo eli xesha lentlakohlaza.
- **'Ubugugile, wambethe amajacu**'Esi simntwiso siwuzoba kakuhle umfanekiso wemeko embi umhlaba ubukuyo ebusika**. Ingugo** imele ukuphela kobuhle, ukuphuma kwemibimbi ukuwa okanye ukuphihlika kwenyama ngenxa yobudala imenza mbi umntu.
- **'Uneeentloni, amehlo ejonge phantsi'.** Sisimntwiso esibonisa ukuba bekungekho nto intle umhlaba ubunokuzidla ngayo. Bavuyela ubuhle bendalo ngokufika kweNtlakohlaza.
- '**Wawambesa, wanjengomtshakazi:** Sisifaniso esiphuhlisa ubuhle njengoko isaziwa into yokuba umtshakazi uyalungiswa okanye uyazilungisa ukuze abonakale embejembeje.
- **Yonwabile nayo imifula:** Sisimntwiso esibonisa ukuba namanzi ebomile kwimifula kodwa ngokufika kweemvula zentlakohlaza nayo itsho ikhangeleke yonwabile.
- Ithi imbongi '**iyadloba okwamatakane**'Isifaniso esiphuhlisa indlela ahamba ngayo amanzi kwakuba kunethe imvula. Ukudloba okwamatakane kuphuhlisa intlutha nokwaneliseka.
- '**Ihlokoma:** Lubabazo olubonisa isandi sokugquma kwemifula kwakuna iimvula zentlakohlaza.
- Idanduluka isithi, **'Ntlakohlaza siyakubulisa'**. Ngumfanekiso-ntelekelelo wendlebe isiva ingxolo ngokungathi ibulela ukufika kwexesha leNtlakohlaza. **[10]**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'UNXUNGUPHALO' – N Shasha**

2.1 Umqolo wokuqala unamagama amabini√ kanti owesibini unamagama amane.√ (2)

2.2 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√ kuba igama lityhila ukuphithizela okukhoyo okwenziwa ngabantu basemzini bekhululekile.√ (2)

2.3 Yintsingiselo yokuba bonke abantu baseAfrika abonwabanga.√√ (2)

2.4 Yimfano-zandi√ egxininisa ubuninzi babafazi abaswelekelwe ngamadoda√/ Yimfano-zandi√ egxininisa ukuphelelwa lithemba kuba balahlekelwe ngabalingane babo.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

2.5 Umntu uyakwazi ukubulawelwa into yakhe.√√ / Imbongi isifundisa ukuba kubalulekile ukukwazi ukuyikhusela into eyeyakho.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'AMAZWI OBULUMKO' – VL Mabinza**

3.1 Umqolo wesithathu unamagama amane√ kanti owesine unamagama amathathu.√ (2)

3.2 Inemiqolo elishumi elinesine√/Ineekhwatreni ezintathu nekhaplethi.√ (2)

3.3 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√ kuba lityhila abantu abancedisanayo.√ (2)

3.4 Yintsingiselo ephuhlisa abantu abasizelanayo.√√ (2)

3.5 Imbongi isifundisa ngokubaluleka kwezinto ekufanele umntu azenze ukuze aphumelele ebomini√√/Isifundisa ngokubaluleka kobudlelwano phakathi koluntu√√/Isifundisa ngokubaluleka kokuthobelana√/Isifundisa ngokubaluleka kokuthandana√√/Iqaqambisa umanyano njengesixhobo sempumelelo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'VUKANI MADODA KUSILE' – ZWV Mzukwa**

4.1 Umqolo wokuqala wenziwe ngamagama amabini√ kanti owesibini unamagama amane.√ (2)

4.2 Kubongwa isilwanyana sasekhaya esingumqhagi√/Akucwangciswanga kuba izitanza nemiqolo azilingani√/Kusetyenziswe amagama ambaxa.√
(Nasiphi na isibini) (2)

4.3 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√ kuba kudaleka umbono wenkuku iqhwaya ngokunga kukho into eyikhangelayo engade iyifumane.√ (2)

4.4 Sisihlonipho√ esiphuhlisa ukuba lo mqhagi sele umdala kakhulu.√ (2)

4.5 Imbongi isifundisa ngokubalaluleka komqhagi√√/Isifundisa ngokubaluleka kwexesha√√/Isifundisa ngendima enkulu edlalwa ngumqhagi entlalweni yethu.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**'INGOMA KAVELAPHI' – JJR Jolobe**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo.
Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo.
Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-35 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Isigama esichongwe yimbongi siqulethe umxholo onentsingiselo efihlakeleyo, sisetyenziselwe ukunonga, ukudlulisa umyalezo, imfundiso nomxholo wombongo.

- Kumqolo woku-1 imbongi isebenzisa uphindaphindo lwegama, 'Ndiyeza' ukugxininisa ekwathembisa isithandwa sakhe ukuba nakanjani uza kufika kuloo ndawo sikuyo/Ludala isingqisho esivuselela uluvo lobungoma kulo mhobe.
- Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo – Ngumfanekiso-ngqondweni weliso okanye unxulumaniso ukubonisa isantya elihamba ngaso iqegu kanye oku kwezi nqwelo zomlilo.
- Ligqitha umoya ... – Sisibaxo okanye ubabazo olubonisa isantya seqegu esiphezulu ukodlula umoya, santya eso siza kumenza akhawuleze ukuya kufika kwisithandwa sakhe.
- Kwilizwe loobawo – Sisihlonipho esiphuhlisa ukuba lo kuthethwa ngaye uza kubhubha okanye uza kusweleka.

- Iinduli kwanamathambeka elizwe – Ngumfanekiso-ngqondweni weliso obonisa ukuba indlela yakhe asaza kuyihamba ayizi kuba lula inamahla-ndinyuka.
- Elimpangalala; – Ngumfanekiso-ngqondweni weliso ophuhlisa ubukhulu beli lizwe aza kuhamba kulo olu hambo lwakhe.
- Siphuma ingqina: Sisikweko esiphuhlisa abantu abaninzi ngokungathi baya kuzingela.
- Imele kuphath'umhlakulo – Sisigama esiphuhlisa isixhobo sokusebenza esibonisa ukuba indoda isebenza nzima xa iphandela intsapho yayo, njengoko nebhayibhile isithi indoda iya kudla ukubila kwebunzi layo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[10]**

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'A! NGANGOMHLABA!' – SEK Mqhayi**

6.1 Umqolo wokuqala unamagama amathathu√, kanti owesine unamagama amane.√ (2)

6.2 Isihloko sisikhahlelo senkosi √/Akucwangciswanga√/ Kusetyenziswa uphindaphindo√/Kusetyenziswe amagama ambaxa√/ Isiphelo esinguNcincilili.√
(Nasiphi na isibini) (2)

6.3 Umfanekiso-ngqondweni weliso√ kuba igama lityhila intshukumo eyenziwa ngabantu bakwaGompo.√ (2)

6.4 Umbuzo-buciko√ uphuhlisa ukumangaliseka ukubona abantu abangaka ukuba baninzi.√ (2)

6.5 Yimfundiso ebonisa indlela ezixatyiswe ngayo iinkosi√√/Yimfundiso ebonisa ukuba iinkosi zisahlonitshiwe√√/Yimfundiso ebonisa ukuba abantu basakuthanda ukulawulwa ziinkosi.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'UMLAMBO' – JJR Jolobe**

7.1 Umqolo wesibini wenziwe ligama elinye√kanti umqolo wesithathu wona wenziwe ngamagama amane.√ (2)

7.2 Yintsingiselo ebonisa ukucoceka kwamanzi esihla evela phezulu engekagxojwa ziinqwithelo zemimoya nodaka.√√ (2)

7.3 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√ ukubonisa into ekhazimlayo, ebengezelayo nentle.√ (2)

7.4 Sisifaniso√ Siphuhlisa ukungcola okubangelwa kukudibana kwamanzi nomhlaba.√ (2)

7.5 Yimfundiso yokuba ubomi bungumxube wezinto ezintle nezimbi√√/ Yimfundiso yokuba ebomini kufuneka ulindele okuhle nokubi√√/Yimfundiso yokuba izinto odibana nazo ebomimi zingakutshintsha.√√/Yimfundiso yokuba amanzi emvula asuka esibhakabhakeni ecocekile afike emhlabeni angcoliswe luthuli nodaka.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'UKWENZIWA KOMKHONZI' – JJR Jolobe**

8.1 Umqolo wesihlanu unamagama amane, kanti umqolo wesithandathu unamagama amabini.√√ (2)

8.2 Ngumfanekiso-ngqondweni wokuphatha√ kuba utyhila ubumpuluswa bale nkatyana.√ (2)

8.3 Yintsingiselo ebonisa umntu ozabalazayo ofuna inkululeko.√√ (2)

8.4 Lusetyenziselwe ukudala isingqisho.√ (2)

8.5 Yimfundiso yokuba indlela eya enkululekweni ayilulanga√√/Yimfundiso yokuba inkululeko inamahlandinyuka√√/Yimfundiso yokuba ingcinezelo imshiya umntu enezivubeko.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'UYINTONI NA UMNTU?' – MMM Duka**

9.1 Umqolo wokuqala unamagama amathandathu√ kanti nomqolo wesibini unamagama amathandathu.√ (2)

9.2 Inemiqolo elishumi elinesine √/Uneekhwatreni ezintathu nekhaplethi.√
(Nasiphi na isibini) (2)

9.3 Sisikweko√ Siphuhlisa ukuyondelelana kwezimvo ezininzi ukwenza into eluqilima.√ (2)

9.4 Imbongi iveza ukuba iAfrika lilizwe elinobutyebi balo nelikwaziyo ukuzikhulisa ngokwalo.√ (2)

9.5 Yimfundiso ebonisa ukuba umntu usisidalwa esinikwe ingqondo namandla nguMdali sikwazi ukuzimela nokwakha ilizwe.√√/Yimfundiso yokuba umntu udalwe ngokomfuziselo kaThixo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

## UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-34 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

La mazwi athi, *Nyana Wam! Nyana Wam!* ngamazwi ovuyo abhekiswa kuThole okanye kuMangaliso, ongunyana okhuliswe nguFikizolo noMaNtuli kwilali yaseZazulwana eGcuwa. La mazwi abhekiswe nguFikizolo kuqala aphinda abhekiswa nguMkwayi.

- UThole uneetshomi zakhe ezimbini uThemba noSonwabo badibana edolophini eGcuwa bamkhwelisa emotweni elixa elindelwe ekhaya. Kule moto kwakuselwa utywala, oko kwabangela ukuba uThole othuke sele ekwilokishi yaseBhayi.
- EBhayi uThole udibana nentombi ebizwa ngokuba nguNomsa naye wathandana nayo. Olu thando lwabo luphazanyiswa sisithandwa sikaNomsa esibizwa ngokuba nguJoe kunye neetshomi zakhe.
- Wabethwa uThole ekhonjwa nangemipu wasindiswa kukuthi gqi kweveni yamapolisa. Wazimisela ukuba uyagoduka. Ngosuku lwangoMvulo wavuka kusasa wasinga edolophini, uthe esazula-zula wava ilizwi elimkhwazayo kanti nguThemba.
- Wakhohliswa ngelithi yimoto eya eGcuwa le kwaye kwakushiyeke umntu omnye wakhwela, ukukhwela kwakhe wazibona sele engena eKnysna.
- Le nqwelo bahamba ngayo yaphelelwa ngamafutha waza umqhubi wabacela ukuba bakhe bahle lo mzuzu yena eyokukhangela indawo apho anokufumana amafutha enqwelo khona.
- Besame apho uThole nabahlobo bakhe kwavela iingonyama zaza zonda ngabo zaqwenga uThemba noSonwabo nabanye abathathu yena wasinda ngokukhwela emthini.
- Wathi akungabuyi uThole baba nexhala kowabo ngakumbi xa kwakusithiwa wayebonwe edolophini eGcuwa, wafunwa wancanywa, baphelelwa lithemba.
- Mhla besiva ukuba kufunyenwe iintloko zabantu abahlanu beqwengwe ziingonyama kulapho kwagqitywa ekubeni ubhubhile.
- La mazwi avakala mhla uThole ebuya kwesikabhadakazi ekubeni kwakucingwa ukuba wasweleka kanti wasinda emilonyeni yeengonyama eKnysna. Ufika kowabo kungathenjwa ncam ukuba nguye.
- Wathi xa ambona uFikizolo wakhwaza uMaNtuli noNofundile bazokumbona watsho emanga ekhwaza, ' Mangaliso nyana wam, nyana wam', watsho elila.
- Aphinde avele la mazwi mhla uTata uMkwayi nonguyise wakhe woqobo bedibana. UMkwayi lixhego elatshipa kudala lingasagoduki lihlala enkomponi eRhawutini kuba licinga ukuba inkosikazi yalo nomntwana batsha basweleka.

- Udibana noThole sele engumfundisi kwisixeko saseGeorge Goch, edityaniswa ngabafana abanyanzela uMkwayi ukuba aye kuva intshumayelo yalo mfundisi wodumo nothandwayo apha.
- Ufika ecaweni umfundisi eshumayela ngethemba nalapho atsho khona isikhalo esiye sabangela ukuba afe isiqaqa. UThozama waqwalasela ukufana kukaMangaliso neli xhego ngesiva esisebusweni kunye nomkhango ezantsi kwenkaba.
- Ukuthi thimbilili kwakhe baye bangcambazisana malunga nesiduko nendawo abasuka kuzo. Wothuka xa embuza ngesiva esisebusweni, wabona nomkhango osezantsi kwenkaba, kulapho ke waqonda ukuba ngunyana wakhe lo nowayecinga ukuba walahleka.
- Wathi xa amkhwaza esithi' Bawo' waqonda ukuba ngumntwana wakhe, laziphosa kuye ixhego bawolana noMangaliso. Lalikhala lisithi, 'nyana wam nyana wam', Zanenkanyamba! Wayebhonga naye okomntwana uMangaliso esithi Bawo! Bawo! UThozama wasitsho naye isikhalo babaleka abefundisi baseTshetshi ababekufuphi apho bezokujonga unobangela.
- Bagqiba ekubeni ukuba babuyele eGcuwa yena noyise wakhe. Bakufika eGcuwa yaba yimivuyo kuFikizolo mhla uMangaliso efika engumfundisi ehamba noyise watsho wasebenzisa amazwi athi, nyana wam, nyana wam. UNofundile naye wavuya akubona umyeni wakhe nowayecinga ukuba wafa kudala nakuMkwayi ngokunjalo.
- Eli khaya lazalwa yimivuyo. Konke oku kuyabonakala ukuba umbhali uphumelele ekuyithiyeni le ncwadi yakhe kuba ingamazwi avuyela unyana kaMkwayi onguThole nowakhuliswa nguFikizolo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

## UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### *NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa

11.1 Bothulwa yimoto ababeyikhwele eyasuka yaphelelwa ngamafutha.√√ (2)

11.2 Yimpixano yangaphakathi√ kuba ooThole babebhidekile ezingqondweni zabo bengazi nokuba mabenze ntoni.√√ (3)

11.3 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√ kuba usityhilela indlela ezabaqwenga ngayo iingonyama abahlobo bakaThole.√ (2)

11.4 UThole wafumana indlela yokuziphilisa ngokuzenza igqirha eliwuchanayo umhlola watsho wafumana imalana kunye nemfuyo.√√ (2)

11.5 UThole ngumlinganiswa okrelekrele√ kuba nasesikolweni ebephumelela emagqabini √/UThole ngumlinganiswa onengqondo ekhawulezayo√ kuba wakhwela emthini ukuzisindisa emlonyeni weengonyama√/UThole ngumlinganiswa onenkolelo yobuKrestu√ kuba ngexesha ebethwa nguJoe neqela lakhe wenza isithembiso sokukhonza uThixo ukuba unokumsindisa.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

11.6 Intshumayelo ethi 'thengisa ngemfuyo yakho ugoduke' yaba ngunobangela wokuba athabathe isigqibo sokugoduka.√√ (2)

11.7 Luzobo olumayana√ kuba umlinganiswa uchazwa ngabanye abalinganiswa.√√ (3)

11.8 Sikwinqanaba lotyhilo-ndaba√ kuba kulapho kuvela izinto ebezifihlakele nebezingaziwa.√/Sikwinqanaba lokusonjululwa kwezinto√ kuba kulapho kuvela izinto ebezifihlakele nebezingaziwa.√
(Nayiphi na kwezi) (2)

11.9 Bendiya kumngxolisa ahlukane nam√√/Bendiya kuthula ndingamhoyi√√/ Bendiya kumbizela ecaleni ndimcacisele imeko yam.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

11.10 Yaba nefuthe lokuba eli xhego laba nomdla wokuya ecaweni.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

11.11 Sisiphelo esilindelekileyo√ kuba bekulindelekile ukuba ibali liphele ephumelele uThole.√√/Sisiphelo esothusayo √ kuba ngokweziganeko ezi ziqhubeke ebomini bakhe bekungalindelekanga ukuba ingaphela sele engumfundis ophume izandla.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)
**[25]**

## UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-34 ukuhlola lo mbuzo*.*

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Ukhozi yintaka ebhabhela phezulu ikholisa ngokuza ezantsi ize kutya inyama yamantshontsho enkukhu. Le ntaka yaziwa kakhulu ngamandla okuntinga.

- Umbhali usebenzise le ntaka njengesikweko nesibhekiselele kumlinganiswa oyintloko uMfazwe. Esi sikweko sibonisa ukuba nokuba ungathiyiselwa ngezabatha uyakwazi ukuphumelela untingele phezulu emafini kungabikho namnye onokufika apho batsho bancame.
- Ukungavumi kukaMfazwe ukuba abe yimpimpi yamapolisa kwamenza wahlala ngentsula enye kwilizwe lakowabo kuQaka. Abalinganiswa abafana nooFriday basebenzisa ivili lomzabalazo ukwaneza iimfuno zabo.
- UFriday wazama ngandlela zonke ukwenza amayelenqe okuba kubekho ungquzulwano phakathi kukaMfazwe nabantu bakuQaka mhla kutoyitoywa kusilwelwa inkululeko ukuze bambulale. Uba yiloo ntaka elukhozi ehleli enexhala esoyika ukubulawa phofu ebulawelwa into engeyiyo.
- Mhla ebuya etrongweni ebanjelwe uqhankqalazo wafika kutshiswe ikhaya lakhe ze yena waphumela kutata uGaba eyokuqonda undonakele. EsekwaGaba njalo uFriday wathumela abafana ukuze bamgwinte, ngethamsanqa waye akafumaneka wasinda.
- Uye wathatha isigqibo sokuya kwamalume wakhe eSihlahleni aye kuhlala khona nalapho kubakho abantu abathunyelwayo ukuze bambulale nalapho uye wasinda.
- Ukuya kwakhe kwintlanganiso yasekuhlaleni aze abethwe akhatywe kwaye kwangumqondiso kuye ukuba uFriday utyhefe nabantwana besikolo ukuba bangamthembi bambulale nalapho uyasinda.
- UMfazwe ngenye imini wathi ekwamfundisi uHlathi kwafika uSiphiwo noSiphiwo bamxelela ukuba makaphele emehlweni ubomi bakhe busemngciphekweni, wafikelwa ngamajoni emfuna phantsi naphezulu ephethe imipu. Wabaleka apho wabuyela kwamalume wakhe.
- Uthe esahleli apho kwamalume wakhe wagaleleka ngenye imini umalume ehamba nabazali bakaMfazwe awabagqibela kudala kwathi kanti basinda ngela lixa kutshiswa ikhaya lakhe.
- Mhla uMfazwe wayesingise entlanganisweni iteksi awayeyikhwele yabhukuqa kuba yayiphepha inkomo eyayikufutshane nendlela wasinda nalapho akabi nawo nomkrwelo.
- Kwathi ekwamfundisi weva isithonga sisitsho phandle xa aphumayo wabona imoto eyiCressida wathi uyalandelela kuba enomdla wokwenzekayo wabona kwamoto leyo ibhukuqile kuvakala iincwina zabantu wazama ukusindisa abantu ababambekileyo, wabuyela kwamfundisi wambona umfundisi uMfazwe elijaja ligazi ezinyaweni wamchazela ukuba usengxakini emcebisa ukuba aqhweshe.

- Kwindlela yaselubhacweni udibana nazo zonke izinto eziyimiqobo kwimpumelelo yakhe, akanikezeli.
- Endleleni eya kukhwela uloliwe osingisa eThongo, kwavakala amakhwenkwe embiza ngegama uEagle, eli yayiligama lakhe elalisetyenziswa kwezemidlalo kuba wayebalasele kakhulu eyimbaleki eyaziwayo.
- Kwakhona endleleni ehamba entabeni wadibana nazo zonke izilwanyana ezinobungozi waza wadibana nomzingeli owamcebisa ukuba alumke baninzi abantu ababhubhileyo kula mathafa.Umzingeli wamnika amafutha kunye nomqwayito njengomphako wakhe wendlela. Uhamba ephinyela etsiba iinyoka
- nezinye izilwanyana ezinobungozi ehlathini kunye namapolisa afuna ukumbamba.
- Wadibana namapolisa aseThongo omnye wamazi waza wayalela ukuba akhwele evenini, ekubeni embuzile uyaphi wathi yena uya eMngazi. Yathi sekuphiphiphi amisa imoto amapolisa aza amvulela ukuba aphume aphele emehlweni.
- KwelaBathwa wadibana nempi yamajoni nalapho yaba nguphantsi naphezulu, wasindiswa kuloo qulukubhode yinkokeli yale mpi nethe yakukhwaza bathi gu bucala. Bamthatha bahamba naye bamenza ibanjwa labo wafika apho kusiliwa wavalelwa waza ethubeni waphoswa ngemibuzo emininzi. Wabonwa ukuba ukunye nabo wakhutshwa eluvalelweni waza wanikwa umpu kaSikhotsholo wokuba akwazi ukuzikhusela kuba emaninzi amajoni ahlaselayo apho.
- Bathi beseMgazi wava isithonga sompu wava ngokunyela komlenze ukuba uchaniwe. Wakhupha umpu wakhe naye wadubula. Wayoba waza waziva erhuqwa nguNtshebe emrhuqela eMthontsi.
- Waphinda wasinda mhla inqwelo-moya yaseMzantsi Afrika indanda phezu kwabo yaza yadubula kwanto. Ekusindeni kwakhe kwabe sekulixesha lokukhululwa kwabaseluvalelweni, bagoduka ooMfazwe nabo basindayo.
- Ukufika kukaMfazwe ekhaya uFriday wayesematyaleni okubulala, inguye buqu ochophele elo tyala.
- Oku kubonisa ukuba uMfazwe wayelikhozi lokwenene hayi ngokwezemidlalo kuphela, wayephumelela kuzo zonke izabatha awayethiyiselwe ngazo nguFriday. Ezinye izabatha ngamahla-ndinyuka engcinezelo nawamkhokelela enkululekweni.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

13.1 Yimpixano yangaphakathi√ kuba uMfazwe uyathandabuza ukuba aye entlanganisweni okanye angayi√√/Yimpixano yangaphakathi√ kuba kubethabethana izimvo kuye ngaphakathi ngokuya entlanganisweni nokufunda neleta kaNokuzola.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

13.2 Yayikukuxoxa ngezinto ezimbi ezaziqhubeka ekuhlaleni.√√ (2)

13.3 UMfazwe wagqiba kwelokuba angathembi nabani na √√/Waphila ubomi bentshontsho kwilizwe lakhe lokuzalwa√√/Kwaba lula kuye ukuba athabathe isigqibo sokulishiya ilizwe lakhe lokuzalwa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.4 Bendiya kuya kuba ndifuna ukuva okuza kuxoxwa ngako ukuze babone ukuba nam ndiyinxalenye yabo √√/Bendingasokuze ndiye kuba ndisoyika ukuphinda ndibethwe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

13.5 Endleleni eya entlanganisweni kwabakho ingozi yemoto naye uMfazwe ekuloo moto.√√ (2)

13.6 Wachanwa yimbumbulu emlenzeni yimpi apha elubhacweni.√√ (2)

13.7 UKhonjwayo uzotywe wangumlinganiswa ozithembileyo ngokwamandla okulwa√√/UKhonjwayo uzotywe wangumlinganiswa oxhomayo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.8 Luzobo-ngqo √ kuba umbhali/umbalisi usizobela inkangeleko kaKhonjwayo.√√ (3)

13.9 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√ kuba usityhilela ngemo awayekuyo uKhonjwayo ngesiquphe.√ (2)

13.10 Sikwinqanaba lovutho-ndaba√ kuba kulapho iziganeko zifikelele enkcochoyini.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.11 Sisiphelo esingalindelekanga√ kuba ibali liphela iminqweno kaMfazwe ifezekiseka√√/kuba ibali liphela inkululeko ebikudala isilwelwa ifumanekile√√/ Sisiphelo esothusayo√ kuba uFriday wayengaxhaswa ngurhulumente omhlophe benethemba lokuba umbuso wabo uya kuhlala uselulawulweni.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)
**[25]**

## UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-34 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Eli liqhalo elisekwe kubantu abangenalo usizi xa besenza izinto ezimanyumnyezi nabanjongo ikukwanezisa ezabo iimfuno bengakhathali nokuba izenzo zabo zichaphazela bani njani.

- Kule noveli kukho abalinganiswa abathe baba ngamaxhoba abo banyolukileyo bengenalo nosizi.
- Umlinganiswa onguThantaswa wazimanya ngeqhina lomtshato noMsindisi kuba eneenjongo zokuxhamla kubutyebi anabo. UThantaswa umtshato wakhe uwusekele kwizinto anazo uMsindisi, hayi eluthandweni, umzekelo; imoto
- eyiMercedes Benz eqhutywa nguMsindisi, indlu ahlala kuyo amashishini nemali yakhe.
- Ubumnandi emtshatweni kaThantaswa noMsindisi bajika baba yincindi yekhala mhla ugqirha wafumanisa ukuba abasayi kuphinda bafumane bantwana.
- Ugqirha wabacebisa ukuba xa besabelana ngesondo mabasebenzise ikhondom kuba ukukhulelwa kukaThantaswa kwakhona kungabeka ubomi bakhe esichengeni.
- Ukungonwabi emtshatweni wakhe uThantaswa kwabangela ukuba baye kugqirha wengqondo bafumane iingcebiso, waza wabanika icebo lokuba basebenzise imithambo ukuthothisa imeko yabo yoxinzelelo.
- Eyona nto eyabangela ukuba uThantaswa angonwabi emtshatweni wakhe kukufumanisa ukuba uMsindisi uceba ukuthatha isithembu.
- Ukudibana kukaThantaswa noMfuneko awayefudula ethandana naye kwindawo yomthambo kwavuselela uthando lwabo.
- Kwincoko ephakathi kukaThantaswa noMfuneko kwavela ukuba uMfuneko nguye owayephanda ityala lokugwintwa komyeni kaNompumelelo owayengusomashishini nelingazanga lihambele ndawo. Oku kwabangela ukuba liqine icebo likaThantaswa lokufuna ukubulala uMsindisi ukuze afumane ilifa.
- UThantaswa wayecinga ukuba izinto zikaMsindisi zibhaliswe ngaye kwaye yena ezibona efana noNompumelelo engayazi ukuba uMsindisi unomntwana wangaphandle.
- UMsindisi ube lixhoba likaThantaswa noMfuneko nabathe ababi nalusizi ngaye. Oku kwenzeka ngokuthi bathenge abantu bokumbulala ukuze bona bazuze ubutyebi.
- Ababulali bakaMsindisi ooSixaki nabo zange babe nasizi bamdubula, ngokukaBhanqo umantshingilana wasitsho isikhalo uMsindisi etarhuzisa ecenga ukuba makangabulawa koko zange basihoye bambulala baza umzimba wakhe bawushiya emotweni.

- UMapheza ongumcuphi noyinyoka nesele noMfuneko wonyulwa ibe nguye ophanda ngokubulawa kukaMsindisi.
- Olu phando lwabukhulisa ngakumbi ubutshaba phakathi kukaMfuneko noMapheza kuba zange izinto zihambe ngendlela awayenqwena ngayo uMfuneko ukuba ibe nguye umphandi weli tyala.
- UMapheza naye elixhoba likaMfuneko noThantaswa kuba bazama ngandlela zonke bengenalusizi befuna ukumbulala ukuze ityala liphelele emoyeni.
- Oku kwabangela ukuba uThantaswa athi makabulawe uMapheza mve xa athi,'kakade inkawu idliw'ilila'.Bamenzela amayelenqe okumbulala ababi nasizi ngaye mhla bemgalelela ityhefu etywaleni emngcwabeni.
- Kwakhona benza iinzame zokumtshisela endlwini ngexesha bemsa exhweleni uKhohlelidangatye ukuba atshiswe nendlu afe, waze wasindiswa nguNontsikelelo.
- Umyeni kaNompumelelo naye xa sisiva ngoMfuneko waba lixhoba likaNompumelelo ongazange abe nasizi nguye waze wamthengela ootsotsi bamgwinta ukuze abe ngusomashishini.
- Unyana kaMsindisi uPhumlani babefuna ukumenza ixhoba kuba uThantaswa noMdlambila benza iyelenqe lokujika umyolelo kaMsindisi owayebhalise izinto zakhe ngonyana wakhe, zange babe nosizi bawujika uMdlambila enethemba lokufumana isabelo sakhe baza bachanwa ngumhla wabo abawubhalayo.
- Ixhwele uSiphongo naye zange abe nasizi nguMapheza mhla ethengwa nguMfuneko ukuba abulale uMapheza, watshisa ibobosi awayekulo ude atsho ngomlomo wakhe uSiphongo xa ava isikhalo esikrakra siphuma kweli bobosi
- uthi 'inkawu idliw'ilila mfana wam, indlela eya empumelelweni ifuna umntu onesibindi sikasathana. Wothuka wabanda akufumanisa ukuba laa mntu ebemtshisa ecinga ukuba nguMapheza kanti ngunyana wakhe uSakhiwo.
- Kucacile ukuba ngenene inkawu idliwe ilila kuba baninzi abantu ababe ngamaxhoba kaThantaswa noMfuneko nangona bengazange baphumelele nje kuba zange balifumane ilifa likaMsindisi ukusuka apho baphela besifa.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

## UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### *INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula

15.1 Sesokuba ebona ukuba uMsindisi akasamhoyanga emva kokuva ukuba akakwazi ukumfumanela abantwana.√√ (2)

15.2 Kwaphela imvisiswano phakathi kukaMsindisi noThantaswa uMsindisi.√√ (2)

15.3 Imveza njengomlinganiswa okhohlakeleyo √ kuba kucacile uceba ukumbulala angabikho √/Imveza njengomlinganiswa ongcolileyo√ kuba kucacile uceba ukumbulala angabikho.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

15.4 Sesokuba ungumfazi otshatileyo onesiqinisekiso kodwa kwenziwa izinto emva kwakhe akaxatyiswanga.√√ (2)

15.5 Sikwinqanaba lokuyondelelana kwezinto√ Sikwinqanaba lokujiya kwezinto√ kuba kulapho iziganeko ziya zikhula ngokukhula.√√ (3)

15.6 UMfuneko noThantaswa bakhupha uMfezeko esibhedlele ngelithi bamsa exhweleni eliza kumnyanga kodwa beneenjongo zokumbulalisa ngoSiphongo ngokutshiselwa etyotyombeni ngovutha.√√√ (3)

15.7 Ngumfanekiso-ngqondweni wendlebe√ kuba usivisa isikhalo esitsho kabuhlungu nesaya sisehla ngokwehla de sayeka.√ (2)

15.8 Alizange lizalisekiswe kuba uMfuneko wafumanisa ukuba uMapheza usaphila √√/Alizange lizalisekiswe kuba kwasweleka uSakhiwo ongunyana kaSiphongo endaweni kaMapheza.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

15.9 Bendiya kufowunela amapolisa ukuzama ukufuna uncedo √√/Bendingakhala ukuzama ukubiza abantu abanokunceda uMfezeko.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

15.10 USiphongo wafumanisa ukuba utshise walahla uthuthu lukanyana wakhe uSakhiwo endaweni kaMapheza oko kwabangela ukuba angcwabe ibhokisi engenanto.√√ (2)

15.11 Sisiphelo esilindelekileyo√ kuba xa nidibene ngobubi inyani iyavela ekugqibeleni√√/Sisiphelo esothusayo√ kuba khange kulindeleke ukuba uThantaswa angadubula abulale uMfuneko osisithandwa sakhe√√/Sisiphelo esothusayo√ kuba khange ilindeleke ngangendlela ababekhangeleka bethandana ngayo kwaye bevana ngayo ngala mayelenqe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)
**[25]**

## UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-34 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Uncwadi lwemveli luthi ludlale indima enkulu ekuphuhliseni intlalo nenkcubeko yoluntu kwaXhosa. Luneendidi ngeendidi ezifana nezi zilandelayo: Iingoma, Izibongo neentsomi.

**Iingoma**

- Iingoma ziziindidi ngeendidi: Kukho iingoma ezingentlungu – Olu hlobo lweengoma luthi luvunywe ngulowo unentlungu ethile, kuze kubekho nabo balandelayo becebisa okanye bevelana nale ntlungu. Inkoliso yabantu abathi bavume olu uhlobo lwengoma ngabantu abangoomama abasukuba bephatheke kakubi emizini yabo.
- Kwakolu didi zikho ezo zivunywa kwangoomama bephalaza intlungu yokuhlutshwa ngabantwana babo, ngokwenza njalo bezama ukuphungula loo ntlungu.
- Zikho iingoma zolonwabo ezithi zivunywe xa kukho imisitho efana nemitshato, imitshotsho nemigidi njalo-njalo. Nazo ezi ngoma ziziindidi, kukho ezolonwabo lolutsha, izidlalo zabafazi, nezolonwabo lwabantwana. Eyona njongo yezi ngoma kukonwabisa.
- Kukho iingoma zokukhuthaza ukuba makusetyenzwe njengeengoma zokulima, olu uhlobo lweengoma lithi luwenze ube lula umsebenzi.
- Zikhona neengoma zomzabalazo – Zona ezi ngoma ziqulatha umyalezo othile odla ngokubhekiswa kwabasemagunyeni xa kukho izinto ezingahambi kakuhle entlalweni, emisebenzini nakwilizwe jikelele.

**Izibongo**

- Izibongo zomthonyama zithi zidlale indima enkulu ekudluliseni umyalezo othile othi udluliswe yimbongi. Iimbongi zomthonyama zinoxanduva kuba isizwe siphela sixhomekeke kuzo.
- Imbongi isenokubonga inkosi iyincoma okanye iyigxeka ngezenzo zayo. Yiyo loo nto imbongi yomthonyama kufuneka ibe ngumntu onolwazi oluphangaleleyo ngokuqhubekayo ekuhlaleni.
- Imbongi iyawabonga namaqhawe iwatyibela ngemisebenzi yawo emihle ayenzele isizwe.
- Iyabonga nangezinto ezisingqongileyo izama ukusibonisa ukubaluleka kwazo, izinto ezifana neentaba, imilambo nemithi ebalulekileyo.
- Ikwabonga ngeziganeko ezibalulekileyo ezithe zashukumisa ilizwe nokuba zibi okanye zihle.
- Iyakwazi ukulumkisa isizwe ngento ethile engumtshabalalisi esizweni, umzekelo utywala neziyobisi.
- Imbongi iye ibonge nangezinto zopolitiko ingakumbi ezithi zichaphazele intlalo yoluntu, njengokuphatheka kakubi kwabantu.
- Ezinye izibongo ziyathuthuzela xa ubani okanye isizwe sihlelwe lilifu elimnyama.

**Iintsomi**

- Mandulo phaya uncwadi lwemveli belukade lungabhalwa, belusakuba luncwadi lomlomo. Iintsomi zilolunye udidi loncwadi lwemveli, zona zithe zadlala indima enkulu ekunqwanqwadeni izimilo zabantwana abasakhulayo.
- Umbalisi ongumakhulu ebesithi kwakuba kugqitywe ukwenziwa imisebenzi yekhaya ngumntu wonke aqokelele abantwana bathi nqwadalala phambi komlilo eza kubabalisela iintsomi.
- Injongo eziphambili zezi ntsomi ibikukufundisa abantwana indlela yokuziphatha ebomini, bakhule bekwazi ukwahlula okulungileyo kokungalunganga.
- Ezinye iintsomi ebezithi zibaliswe bezibalungiselela ingomso ukuze bazi ukuba kubalulekile ukuziphandela ungumntu kwaye izinto eziza lula ziyingozi.
- Kwakwezi ntsomi kukho ezo bezisithi zibafundise ngemvelaphi yezinto zasendalweni.
- Kukwakho iintsomi ezingembali nezo zingezilwanyana ezithi zibafundise ngobulumko nobudenge bezilwanyana ezithile.
- Zikwakho neentsomi ezibaliselwa ukonwabisa kuba kaloku entlalweni yomntu akufuneki usoloko unxunguphele.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI SWANA nabanye**

17.1 Umsebenzi wala mazwi kukutsala umdla wabantwana√√ / Umsebenzi wala mazwi kukutsala umdla kubaphulaphuli.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

17.2 Atyhila ukuba abazali bakaDeliwe bakhohlakele√√ / Atyhila ukuba banomkhethe kubantwana babo√√ / Atyhila ukuba babengayihloniphi indlela ava ngayo omnye umntu.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

17.3 Imbonisa njengomlinganiswa okhohlakeleyo√/Imbonisa njengomlinganiswa ongamcingeliyo omnye umntu√ / Imbonisa njengomlinganiswa osileyo√ kuba zange ayamkele imeko kaDeliwe yokwahluka kwabanye abantwana.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

17.4 Lubonisa umgama omde awuhambileyo√√ / Lubonisa ukuzinga kwesenzo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

17.5 Aba nefutho lokuba amkhokelela kwindlu yexhegwazana apho wohlukana khona nobufombo bakhe√√ / Waphela esahlukana nesifombo sakhe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

17.6 Isigqebelo esibonakala kule ntsomi sesokuba abazali bakaDeliwe bebemthuma ngenjongo yokuba angabuyi atyiwe zizigebenga, endaweni yoko wancedakala wabuya engenasifombo.√√ (2)

17.7 Yimfundiso yokuba ekunyamezeleni ukhona umvuzo√ kuba uDeliwe uyinyamezele imeko yokukhubazeka kwakhe wade wafumana uncedo√√/ Yimfundiso yokuba abazali mabathande ngokufanayo abantwana babo√ kuba uDeliwe uye wasisisgculelo akafunwa nangabazali bakhe ngenxa yokuba enesifombo√√/Yimfundiso yokuba uncedo uyakwazi ukulufumana kubantu ongazalaniyo nabo√ kuba noDeliwe waye wancedwa lixhegwazana awayeqala ukulibona.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

17.8 Imbongi iqala ngesikhahlelo esiyimvula-mlomo, 'A! Mzantsi Afrika'√/Iphinda imbongi isebenzise kwala mazwi ukuvala√ imbongi isebenzise uphinda-phindo√ imbongi isebenzise izafobe√ imbongi isebenzise iziduko ukulanda umnombo.√

(Nasiphi na isibini) (2)

17.9 Lubonisa uthando enalo imbongi ngoMzantsi Afrika√√/Lubonisa indlela awuxabise ngayo uMzantsi Afrika√√/Lubonisa ubuthandazwe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

17.10 Imbongi iqaqambisa ifuthe athe wanalo uSteve kubomi bayo nangona engasaphili.√√ (2)

17.11 Sisaci√ Siphuhlisa ukuba umntu sele ebhubhile√ / Siphuhlisa ukuba umntu uswelekile√ / Siphuhlisa ukuba umntu ulandulele eli.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

17.12 Lo mqolo uthetha ngokubaluleka kwemfundo ethi ikwazi ukukusindisa kwizinto ezinobungozi√√/Lo mqolo uthetha ngexabiso lemfundo kuba xa ufundile utsho usinde kwizihange zeli lizwe√√/Lo mqolo uthetha ukuba ungafunda okanye ufundiswe kanti oko akuthethi nto kuwe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 18 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *AMAZA* – ZS Qangule

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
  Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-36 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Isimo sentlalo siphuhlisa indawo apho lenzeka khona ibali, ixesha elenzeka ngalo kunye nendlela abantu abaphilangayo. Isimo sentlalo sisetyenziswa ukuphefumlela umoya othile ebalini, ukuhlakulela into ethile ebalini nokuphuhlisa abalinganiswa okanye umxholo webali. Sithi sivezwe zizinto ezifana nesinxibo sabalinganiswa, iintlobo zezindlu abahlala kuzo, ulwimi abaluthethayo, izixhobo abazisebenzisayo, ezothutho, izikolo, iintlobo ngeentlobo zeenkolo, njalo-njalo.

**Ibali ezilalini**

- Ezilalini emzini kaDanile noMaDlamini apho sidibana noNamhla evutha ngumsindo kuba esendiselwa ngenkani kuSidima ngabazali bakhe. Sifumana uDanile esarha utywala elalini ngelixa uNamhla esihla enyuka endlwini eyedwa.
- UNamhla lo wayesendiselwa emzini kaNgxelelo noMaNdaba. Emzini kaSilumko lo mdlalo uqhubekile ngakumbi ngexesha encina uLizo ngokubulawa kukaSidima noZodwa ongumfazi kaLizo.
- Kusemangcwabeni apho uSilumko wayefuna kutyhileke into yokuba uSidima noZodwa Zazile basadla amazimba abona bantu baswelekayo nguDuma iwele likaSidima kunye noZodwa waseBhayi.
- Ngaxesha linye kwalapha emangcwabeni kulapho kwavela nokuba uNamhla uzalwa nguMalimakhwe inkosikazi kaSilumko nalapho kwabanjwa khona uLizo njengomntu okrokrelwa ukuba nguye umbulali.

**Ibali ezidolophini**

- ERhawutini kulapho bekuphangela khona uSidima noDuma. Kwakhona kukwalapho kubulawelwe khona uDuma noZodwa waseBhayi kucingwa ukuba nguSidima kunye noZodwa Zazile inkosikazi kaLizo.
- ESwazini uSidima noZodwa Zazile babhacela khona ukubaleka umbulali abangamaziyo. USilumko naye uphando lwakhe waya kuluqhubela eSwazini ezenza igqirha.

**Ixesha**

- Ixesha lityhilwa zizinto ezenzekayo, eziqhubekayo nezisetyenziswayo ngabalinganiswa kwintlalo yabo.
- Lo mdlalo uqhubeka kwixesha langoku kuba siva kwakwiphepha lokuqala ukuba kukho umba wokwendiswa kukaNamhla, endiselwa kwisoka angalifuniyo nangazani nalo kube kukho elo athandana nalo. Akuvisiswana ngumntwana weli xesha onguNamhla nabazali bakhe uDanile noMaDlamini kuba bona besadla ngendeb'endala. Kulo mdlalo oku kungqinwa kukuba uNamhla akhabe ngawo

omane xa enyanzelwa ngabazali bakhe ukuba endele kuSidima ambonelwe ngabo nangamthandiyo. Oku kuveza ukuba abazali bakaNamhla bakhule ngexesha lamandulo apho intombi ibibonelwa isoka ngabazali kanti uNamhla yena ukhule kwixesha langoku intombi ithi itshate nesoka elithandwa yiyo.

- Igama likaNamhla liyangqina ukuba ungoweli xesha langoku, yiyo loo nto efuna kwenzeke izinto zala maxesha ebomini bakhe hayi izinto zakudala.
- Izinxibo nezithambiso zikaNamhla zezeli xesha langoku kwaye ziyangqina ukuba ibali eli libhalwe kwixesha lanamhlanje kuba simbona enxibe izilekisi, ethwele iwigi, umlomo ewuqabe bomvu neenwele zakhe eziphothile. Ezinye izinto eziphuhlisa ixesha langoku sisinxibo, kuba uNamhla ugxeka ilokhwe ayithungelweyo yomtshato elijelemani nesambatho esibizwa ngokuba yilema. Nebhedi alala kuyo uNamhla ikwatyhila ixesha langoku.
- Imfundo kaNamhla ikwatyhila ukuba uzelwe kwixesha langoku sele kukho ukhanyo oluze nomfutho waseNtshona. Abalinganiswa abakule ncwadi bandidi mbini, kukho amaqaba kunye nezifundiswa, nto leyo ephuhlisa ukuba abanye baphila kwixesha langoku abanye baphile kwixesha lamandulo. Amaqaba ngawo abesanamathele kwisiko lokubonelwa kanti izifundiswa zona zihamba nokuhamba kwamaxesha kwaye azihambisani nesiko lokubonelwa kwabantwana babo ooNdofanaye. Oku kuxhaswa yintetho kaVuyisile ethi, 'Iya kuba bububi obuhle xa uLizo etshata uNamhla endaweni kaZodwa Zazile.'
- Abefundisi babengekho kwixesha lamandulo, ubukho babo kulo mdlalo bubethelela ixesha langoku esikulo kuba ngabo abeza nemfundo kweli lizwe lethu.
- Umdiza otshaywa nguLizo ongumkhwenyana kamfundisi uZazile ukwagxininisa ixesha langoku.
- Incwadi eyiDompasi ikwangqina ixesha langoku sele kukho umfutho waseNtshona.
- Izibham ebeziphethwe nguSilumko emangcwabeni, isiqinisekiso somtshato nomsesane zonke ezi zinto zityhila ixesha lanamhla.
- Kwakhona ukungqina ixesha langoku siva uLizo esebenzisa igama lesitsotsi xa ebuza kuNamhla umama wakhe ukuba uyokwenza ntoni edolophini. Mve xa esithi, 'Liyokwenza ntoni itopikazi edolophini?' Igama letopikazi ligama elisetyenziswa kweli xesha langoku, gama elo elikwangqina ixesha obhalwe ngalo lo mdlalo.
- Ileta ebhalelwe uSidima nguZodwa Zazile nayo iyangqina ukuba lo mdlalo ubhalwe kweli xesha lanamhlanje, loo nto ingqinwa yinto yokuba kule leta kuxutywe ulwimi lwesiXhosa nolwimi lwesiNgesi, lwimi olo lwalungaziwa ngamaXhosa mandulo.
- Lo mdlalo uqhubeka ngexesha abanye abantu bekholelwa kubugqwirha, umzekelo uSilumko ukwaNamhla noLizo udibana noMaNdaba ephuma kulo mzi wabo, ugrumba isikhumba senyoka asibeke etshefini esithi kuLizo noNamhla babulawa nguMaNdaba, mve xa esithi, 'Lufele lwenyoka yokuthakatha olu.
- Kwakhona simbona uSilumko eSwazini ezenza igqirha kuSidima nakuZodwa Zazile kuba besithi abalali kakuhle ngenxa yesiporho. USilumko njengegqirha lomSwati ubanika amagqabi ekwepile kuba esithi ubulala amandla otshaba.
- Kwangeli xesha kukho abakholelwa kubuKrestu. Oku kubhentsiswa bubukho beBhayibhile eyayifundwa nguLizo emngcwabeni kwaNgxelelo kwinkonzo yomngcwabo eyayiqhutywa ngumfundisi uZazile ongumkhwe kaLizo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 19 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***AMAZA* – ZS Qangule**

19.1 AmaBhele abizwe nguDanile kuba ebhaqe uLizo kwakhe noNamhla oza kutshata√√/ kuza kuxoxwa ngokufika kukaDanile uNamhla ethandana noLizo kodwa kuququzelelwa ukumtshatisa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

19.2 Ungumntu ofuna izinto zenzeke ngohlobo afuna ngalo√√/ungumntu oneenkani√√/ungumntu oyimelayo into akholelwa kuyo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

19.3 Liveza ukuba uyadelela√√/Liveza ukuba umdelile uLizo.√√/Liveza ukuba unomsindo sesi senzo senziwe nguLizo√√/Liveza ukungasithandi isenzo esenziwa nguLizo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

19.4 UNamhla ngumlinganiswa oyintloko√ kuba akajiki kwizigqibo zakhe√/kuba ufumaneka ekuqaleni ide iye kuphela incwadi√/uba iziganeko zijikeleza yena.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

19.5 Uwabiza ngendlela apha ebonisa intlonipho√√/Uwabiza ngendlela ebonisa ukuzingca ngawo√√/Uwabiza ngendlela ebonisa uthando.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

19.6 AmaBhele aqhekeka kubini.√√/Amaqaba axhasa uDanile izifundiswa zaxhasa uNamhla.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

19.7 Kukunika umyalelo weqonga√√/ kukubonisa intshukumo yabalinganiswa√√/ Uchaza isimo sentlalo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

19.8 Ibonisa ukuba uNamhla naye ufuna ukubeka uluvo lwakhe.√√ (2)

19.9 Saba sibi √/kuba uMaDlamini waphela emqhwaba ngempama uNamhla√√/ kuba uNamhla waphela engayi kuloo ntlanganiso.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

19.10 Kukubonelwa kwentombi okanye umfana umntu amakatshate naye√√/ Kukunyanzelwa kwesiko lokubonelwa kulutsha ngabantu abadala√√/ Ukutshintsha kwamaxesha kubangela ukungaboni ngasonye.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

19.11 Yintlekele√ kuba kukho ukufa kwaye uNamhla ongumlinganiswa oyintloko uyangcungcutheka ngokuya ibali libheka phambili.√√ (3)

**[25]**

## UMBUZO 20 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *A-a-a! JONGUMSOBOMVU* – BB Mkonto

### Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo

Isimo sentlalo siphuhlisa indawo apho lenzeka khona ibali, ixesha elenzeka ngalo kunye nendlela abantu abaphilangayo. Isimo sentlalo sisetyenziswa ukuphefumlela umoya othile ebalini, ukuhlakulela into ethile ebalini nokuphuhlisa abalinganiswaokanye umxholo webali. Sithi sivezwe zizinto ezifana nesinxibo sabalinganiswa, iintlobo zezindlu abahlala kuzo, ulwimi abaluthethayo, izixhobo abazisebenzisayo, ezothutho, izikolo, iintlobo ngeentlobo zeenkolo, njalo-njalo.

**Ibali ezilalini**

- Lo mdlalo uqhubeka komkhulu eTshokotshela kuxakekiwe kuyaxhelwa ngeli xesha inkosi yonwabile eQhamnweni namafanankosi.
- Kwilali yaseMthocwa komkhulu kwankosi uXhoxho, sidibana apha nabantu bephithizela belungiselela ukuya komkhulu eTshokotshela. Inkosi namaphakathi banoloyiko lokulityaziswa ziindwendwe ezivele zafika.
- ESidutyini kwalapha kwelabaThembu bakwaTshatshu komkhulu kunkosi uBawana apho kukho igqugula ezantsi kobuhlanti izulu liyagqutha. UQuka ufuna ukwazi ngobakhe ubukhosi engenakuyinyamezela eyokusoloko elibambela lenkosi.
- Phezu kweNxuba apho abefundisi bequkene kwigumbi elibucala, ivestri. Intsebenziswano ayikho phakathi kwecawa namajoni aseRhini. Amakhoboka akhululweyo adala unxunguphalo kumafama. Ngenxa yendlala bazithathela imfuyo yamafama ngaphandle kwemvume.
- Kwakhona komkhulu kukho umtshato wentombi yenkosi uNolitha kuxakekiwe kuyaphekwa kuyojiwa inyama konwatyiwe. Kwindlu yeendwendwe kuyabukwana kwangaxeshanye uMaqoma ufumana ithuba lokuveza ukungonwabi kwakhe ngenxa kaSomerset.

**Ibali edolophini**

- Edolophini eRhini kwinkampu yamajoni egumbini lomphathi hlelo weMpuma-Koloni. Apha uFiliphu ubethelela ukuba owona msebenzi wabo abeFundisi kukuguqula isizwe esiMnyama. UFiliphu uze kucela umhlaba wokwakha icawa nokubeka aba bantu baguqukileyo kukoloneli uSomerset.
- Kwiziko lomkhosi eRhini abantu babambe izikhundla eziphezulu emkhosini babhiyoza ngenyama notywala babelungu ibhulanti. USomerset wenza amayelenqe elungisa indlela yakhe yokufumana isihlalo esiphezulu.

**Ixesha**

- Ixesha lityhilwa zizinto ezenzekayo, eziqhubekayo nezisetyenziswayo ngabalinganiswa kwintlalo yabo.
- Ixesha lelamandulo apho iinkosi zabaNtsundu bezizama ukukhusela umhlaba wooyisemkhulu kumaBhulu. Imbali yale ncwadi ingesiganeko esathi sawushiya umzi kaPhalo unyembezana kwisithili sikakumkani uNgqika ngenxa yezenzo zabaMhlobophe ababethatha imihlaba besebenzisa iindlela ezingcolileyo zenkohlakalo. Ezimbalini kusemva kokuba amaXhosa esusiwe kwindawo yawo kuba bekude namangcwaba ooyise. UMaqoma iyamkhathaza le nto.
- UNolitha intombi yenkosi iyatshatiswa wenzelwa onke amasiko afanelwe ukwenziwe njengamntwana wenkosi. Uyalotyolwa ze emva koko kwenziwe isiko lokuhlola kuba kudala intombazana ibihlolwa phambi kokuba itshatiswe ukuze ingahlazisi ikhaya layo.

- Ifuthe labefundisi lalisetyenziswa ngamandla ngabaMhlophe. Imihlaba beyithatha kancinane egameni lokwakha izikolo, iityalike nabantu iindawo zokuhlala ezinkonzweni. Ezi mfundiso zabefundisi zaziyijongela phantsi inkcubeko yabantu abaMnyama zikwanyelisa amasiko nezithethe zabo. Eli futhe lohlula phakathi abafazi abanye babajongela phantsi kwendlu yeenkuku abanye. Abanye bayeka inkcubeko yabo, umzekelo, inkosikazi kabawo uMNtlane yaphiwa igama lesiNgesi yayeka ukusila nokuhamba iziyunguma zesiNtu, konke oku kuphuhlisa ixesha langoku.
- Kwakule ncwadi sifumana ukuba bakho abakholelwa kwizinyanya bekhonza uQamata nabakholelwa kubuKrestu bekhonza uYesu Krestu, umzekelo abefundisi abakule ncwadi basityhilela ukuba ngenene ibhalwe kwixesha langoku.
- Izinyanya bezithi zakutyeshelwa ziqumbe. Umzekelo, ubunkenenkene bempilo kaNgqika bayanyaniswa nokutyeshela kwakhe isiko lokuhlamba inyala lokulwa phakathi konyana noyise. UMaqoma wabona ukuba uyise wayefulathelwe zizinyanya. Isizwe esiMnyama yayisisizwe esasikholelwa kakhulu kumagqirha, kwakuthi kwakubakho ingxaki emzini babalekele kuwo.
  (Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 21 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU* – BB Mkonto**

21.1 Kukubona abafazi behleli bencokola abanye babukele abaxhentsi iimbiza zingahoywanga.√√ (2)

21.2 Ezi ndwendwe zifike ngenjongo yokuzisa intombi yazo enguNaledi eze kutshata.√√ (2)

21.3 Ilali yahlukene phakathi√ kuba abenkolo yobuKrestu baya kwelabo icala nabenkolo yakwaNtu baya kwelabo.√√ (3)

21.4 Yinkolo yakwaNtu√ nenkolo yobuKrestu.√ (2)

21.5 Sesokuba engafuni abantwana bakhe bachatshazelwe zizimanga zobundlavini.√√ (2)

21.6 Sityhila intlonipho nembeko kwinkosi yabo.√√ (2)

21.7 Kubonisa ukuba akafuni kuphakama.√√/Akafuni kunika mbeko kuSomerset kuba bengavani ncam.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

21.8 USomerset ungumlinganiswa ongumchasi√ kuba iintetho nezenzo zakhe zichasa uMaqoma.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

21.9 Kukunika umyalelo weqonga√/Kukubonisa intshukumo yabalinganiswa√/ Uchaza isimo sentlalo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

21.10 Ungokuthathwa ngenkani kwemihlaba nobutyebi babantu abaNtsundu ngabantu abaMhlophe.√√ (2)

21.11 Yintlekele√ kuba kukho ukuxhwithaxhwithana kwamaqela amabini iphela incwadi uMaqoma ekhathazekile yindlela izinto ezenziwa ngayo.√√ (3)
**[25]**

**UMBUZO 22 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Isimo sentlalo siphuhlisa indawo apho lenzeka khona ibali, ixesha elenzeka ngalo kunye nendlela abantu abaphila ngayo. Isimo sentlalo sisetyenziswa ukuphefumlela umoya othile ebalini, ukuhlakulela into ethile ebalini nokuphuhlisa abalinganiswa okanye umxholo webali. Isimo sentlalo sivezwa zizinto ezifana nezinxibo zabalinganiswa, ulwimi abaluthethayo, izixhobo abazisebenzisayo, ezothutho, iintlobo zezindlu abahlala kuzo, izikolo, iintlobo ngeentlobo zeenkolo, njalo-njalo.

**Ibali ezilalini**

- Emzini kaZwilakhe noMaGaba kwilali yaseZazulwana apho ibali liqala khona kuba sidibana nentombi yabo enguNozipho ihleli yodwa kwindlu eqhuma umsi kuba kubaswe kuyo. Abazali bakaNozipho baye emtshatweni kwenye ilali engapheya kwale yabo kwaNgoqo. Olu sapho lwakwaZwilakhe kulapho lushukuxela khona imbali zomtshato wakwaNgoqo nendaba yokutshata kukaGugulethu ongunyana wabo.
- KuloMzamo apho uGugulethu eye kudlula kuMzamo ongumhlobo wakhe ukuba baye emtshatweni. Liqhubekile ibali eNgqamakhwe kwisikolo saseBly apho kwakufunda khona uNomaMpondomise noGugulethu.
- Kwakhona lo mdlalo uqhubekile kwilali yaseNgcolosi apho kukho ikhaya likaNomaMpondomise kuba kulapho wazalelwa wakhulela khona.
- KwaZwilakhe endlwini enkulu kuxoxa uMaGaba noNozipho ngokuba uGugulethu makafune umfazi.

**Ibali edolophini**

- UGugulethu wazalelwa wakhulela phantsi kwesi sithili.
- UGugulethu ubehlala eMthatha kuba esebenza khona.
- Kwakhona umdlalo uqhubeka enkundleni yamatyala eMthatha apho kuthethwa ityala likaGugulethu lokwaphula isithembiso sokutshata uNomaMpondomise watshata noThobeka.
- UThobeka uswelekela kule dolophu yaseMthatha nabantwana bakhe abathathu bebulawa nguGugulethu ngokubaxabela. Ityala likaGugulethu lokubulala lixoxelwe kwiinkundla zale dolophu yaseMthatha de wagwetywa intambo.
- Emlanjeni eMthatha kulapho uNomampondomise azeyelisele khona kuba elahlwe nguGugulethu wavuma ukutshata noThobeka.
- ENgqamakhwe eBly kulapho bekufunda khona uGugulethu noNomaMpondomise.

**Ixesha**

- Ixesha lityhilwa zizinto ezenzekayo, eziqhubekayo nezisetyenziswayo ngabalinganiswa kwintlalo yabo. Umzekelo kulo mdlalo sibona kukho impixano ebangelwa kukwahluka kwexesha abaphile ngalo abalinganiswa abakule ncwadi. Abazali babonela abantwana babo abalingane njengoko kwakufudulwa kasenziwa njalo mandulo, ngoku amaxesha ngamanye lixesha lenkululeko apho umfana

okanye intombi inelungelo lokuzikhethela umlingane wayo. UZwilakhe noMaGaba inkosikazi yakhe bakhethela unyana wabo uGugulethu intombi amakayitshate enguThobeka ethandwa ngabo ngezinto abazazi iziimpawu zomfazi. UGugulethu yena ufuna ukutshata uNomaMpondomise intombi ethandwa nguye.

- Ukungqina ukuba lo mdlalo uqhubeka kwixesha langoku uGugulethu wayefundile. Loo nto iyodwa yiyo engunobangela wokuba angaboni ngasonye nabazali bakhe kunye namalungu athile osapho lwakhe kuba wona asadla ngendeb'endala.
- Kucacile ukuba xa kukho izikolo kukho iindidi ngeendidi zezifundiswa ootitshala, oomantyi, abefundisi njalo-njalo. Umzekelo isikolo saseBly apho kwakufunda khona uGugulethu noNomaMpondomise.
- Izinxibo ezinxitywe nguGugulethu nabahlobo bakhe emtshatweni kwaNgoqo zingqina ukuba ngenene lixesha langoku. Umzekelo, bambi banxibe iisuti, imibhaco nkqu nelokhwe emhlophe yomtshato.
- Kwakhona ukungqina ixesha langoku siva kuthethwa ngenkundla yamatyala eseMthatha apho kwakuchotshelwe khona ityala likaGugulethu lokubulala.
- Ulwimi lwasemzini olusisiNgesi nolusetyenziswa ngabanye abalinganiswa kulo mdlalo lungqina ukuba ngenene lixesha langoku sele kukho umfutho waseNtshona. Yiva uGugulethu xa athi, 'I want to be ready, I want to be ready, I want to be ready, to walk in Jerusalem just like John.'
- Ezi zinto zilandelayo ziyangqina ukuba ixesha oqhubeka ngalo lo mdlalo lelangoku – ileta ebhalelwe uGugulethu nguNomaMpondomise, iphephandaba elithengiswayo elisasaza iindaba iMvo okanye uMthunywa, imali, iimoto njalo-njalo.
- Inkolo yobuKrestu nayo ingqina eli xesha langoku sele kukho umfutho waseNtshona. Umzekelo UThobeka ngexesha endwendwele uGugulethu eMthatha, uthi akubona ukuba umoya awumhlanga akamkelekanga kwaphela abhenele emthandazweni ekwavuma ingoma yobuKrestu
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 23 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

23.1 Sesokuba benoMaGaba babona uThobeka eyeyona ntombi efanele ukutshata noGugulethu ongunyana wabo.√√ (2)

23.2 Lihomba√/inesidima√/igazi layo linzima√/ukhuthele√/uthobile √/uthetha kamnandi nabantu.√

(Nasiphi na isibini ) (2)

23.3 Yingcinga yokuba nokuba uThobeka udume ngezinto ezintle isenokubakho into ebheke ecaleni nakuye kuba ungumntu uyafana nabanye.√√ (2)

23.4 Umbiza ngendlela apha emvisa kamnandi ebonisa uthando, Umbiza ngendlela ebonisa ukumhlonipha √√/Ubonisa ukumcenga.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

23.5 UGugulethu ungumlinganiswa oyintloko√ intshukumo eya kwimpixano iqalwa nguye√√/uba nabalinganiswa abamxhasayo√√/uba nabalinganiswa abamchasayo√√/ibali liqala ngaye liphinde liphele ngaye√√/zonke iziganeko zingqonge yena√√/uba nenjongo ethile afuna ukuyiphuhlisa nokuba kumnyama entla.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

23.6 Sisiphumo sokutshatiswa kukaGugulethu ngenkani noThobeka angamthandiyo.√√ (2)

23.7 Kukunika umyalelo weqonga √√/Kukubonisa intshukumo yabalinganiswa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

23.8 Sisilingo sokutshatiswa ngenkani noGugulethu angamthandiyo.√√ (2)

23.9 Saba sibi kakhulu√ kuba uGugulethu wabulala uThobeka nabantwana bakhe abathathu ngezembe.√√ (3)

23.10 Umxholo wokuba iinkani zimsa kwantshabalala umntu√√/Ukuthobeka okugqithisileyo kungamlimaza umntu√√/Akulunganga ukunyanzelisa isiko eliphelelweyo√√/Uthando olululo aloyiswa nto.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

23.11 Yintlekele√ kuba kukho ukunyanzeliswa kwesiko lokubonela abalingane nto leyo ebe ngunozala wenyhikityha yokufa.√√/UGugulethu uphela ebulala umfazi wakhe nabantwana.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)
**[25]**

## UMBUZO 24 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *INDLAL'INAMANYALA* –M Lamati

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
  Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-36 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo**

Isimo sentlalo siphuhlisa indawo apho lenzeka khona ibali, ixesha elenzeka ngalo kunye nendlela abantu abaphila ngayo. Isimo sentlalo sisetyenziswa ukuphefumlela umoya othile ebalini, ukuhlakulela into ethile ebalini nokuphuhlisa abalinganiswa okanye umxholo webali. Isimo sentlalo sivezwa zizinto ezifana nezinxibo zabalinganiswa, ulwimi abaluthethayo, izixhobo abazisebenzisayo, ezothutho, iintlobo zezindlu abahlala kuzo, izikolo, intlobo ngeentlobo zeenkolo, njalo-njalo.

**Ibali ezilalini**

- Elalini yakwaBhaca kulapho kuhlala khona inkintsela yexhwele elinguMagrazula neshishina ngeentloko zabantu neentsana. Kule lali kulapho kumane kuphekwa abalinganiswa abathile ukuze bawulungele lo msebenzi kamaGrazula.
- Kwilali yakuKaplani lali leyo kukho umzi kaMamQhinebe noMaGatyeni. Oko kukuthi ikhaya likaSiqhiwu noSiphokazi likule lali. Ukungqina ukuba ngenene kusezilalini sibona uSiqhiwu othe umlilo weenkuni esizikithini sendlu, ndlu leyo ebonakala iyindlu yabantu abahluphekileyo. USiphokazi yena kokwabo uhleli eziko, ubeke imbiza encinane. UMaGatyeni ongumama wakhe uvela kuyonkinkqa into etyiwayo kwaMamQhinebe nto leyo eyenziwa ezilalini. USiphokazi noSirhezu babekelana idinga labo ezantsi kwegadi yakwaMaGatyeni njengabantu abathandanayo Umzi kaMakwedini nokaNoziphongo ekwabelwa kuwo umntwana wabo nguMamQhibe noMaGatyeni nawo usezilalini. Uqhubekile umdlalo nakwilali yakwaDosi ekwisithili saseMthatha apho kubiwe usana lwakwaMagade nguMamQhibebe noMaGatyeni.

**Ibali edolophini**

- Edolophini yaseMthatha nedolophu yakwaBhaca. Kwidolophu yakwaBhaca kulapho kukho iilali zikaMgrazula noDlezinye kuba bazikhwelela kule dolophu nezithuthi eziya eMthatha. Kwakhona kule dolophu kuphangela uMakwedini kumzi mveliso noSigodi ongumhlobo wakhe.
- EMthatha liqhubekile kwisebe lezeNgqesho likarhulumente eBotha Sigcau.
- Kwisikhululo samapolisa eMthatha uqhubekile umdlalo kuba sibona uSiqhiwu endwendwele kuso ngomcimbi onxulumene nokunyobisa kukaMaqhikizane ngomsebenzi. Kwisikhululo sezothutho (erenkini) apho bekusebenza khona uMamQhinebe noMaGatyeni bethuthela abantu iimpahla. Kwinkundla yamatyala eMthatha apho bekuchotshlwe khona ityala likaMamQhinebe noMaGatyeni lokuba abantwana babantu.
- USilumko waya eSwazini eMbabane ngeenjongo zokuya kufuna amayeza njengegqirha kuba kukholeleka ukuba amayeza esiNtu asemgangathweni afumaneka khona.

**Ixesha**

- Ixesha lityhilwa zizinto ezenzekayo, eziqhubekayo nezisetyenziswayo ngabalinganiswa kwintlalo yabo. Izinto ezisetyenziswa ngabalinganiswa kulo mdlalo ziyangqina ukuba uqhubeka kweli xesha langoku. Umzekelo, kukho iofisi zengqesho zikarhulumente, isikhululo samapolisa nesezithuthi (irenki), izithuthi ezifana neebhasi nezinye, amapolisa, abatshutshisi, oomantyi, izikolo – Ngangelizwe apho kwakufunda uSiqhiwu, imali – itsheki eyanikwa uSiphokazi nguMaqhikizane, ikliniki, oonesi, ootitshala, abefundisi njalo-njalo.
- Ukusetyenziswa kolwimi lwesiNgesi ngabalinganiswa abathile kuveza ngokumhlophe ukuba lixesha langoku sele kuphilwa isilungu Yiva uSiqhiwu xa athi, 'it's the survival of the fittest: the elimination of the weakest; the law of the jungle.'
- Inkolo yobuKrestu nayo ingqina ixesha langoku sele kukho umfutho waseNtshona. Umzekelo, uDlezinye xa eze kuqeqesha ooMamQhinebe noMaGatyeni kumsebenzi wokuba iintsana uzenza umfundisi ophethe ibhayibhile ukuze imfundiso zakhe zivakale kakuhle. Oomama aze kubaqeqesha abawufanelanga kwalo msebenzi wakhe kuba bangabantu abaphambili enkonzweni kwaye bade banezinxibo zenkonzo.
  (Nayiphi na impendulo echanekileyo)

**[25]**

**UMBUZO 25 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

25.1 Luphuhlisa ixesha langoku sekukho umfutho waseNtshona.√√ (2)

25.2 Yingcinga yomntu obaphatha kakubi abantu abahambele eofisini yakhe.√√ (2)

25.3 Njengomlinganiswa onembeko okanye onentlonipho√ kuba nangona engamkelekanga kamnandi kuMaqhikizane kodwa usoloko esebenzisa igama Bawo okanye Mhlekazi xa abhekisa kuye.√ (2)

25.4 Wayemvavanya ukuba ungumntu onjani elungislela xa ebeka olu luvo lwakhe lokunyobisa.√√ (2)

25.5 Ngumqeshi wakwarhulumente.√√ (2)

25.6 Saba sibi √ kuba uSiqhiwu waphetha emangalela uMaqhikizane ngokunyobisa abantu abaze kufuna umsebenzi.√√ (3)

25.7 Kukunika umyalelo weqonga√√/Kukubonisa intshukumo yabalinganiswa √√/ Uchaza isimo sentlalo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

25.8 Kungumqondiso wento embi eza kukwehlela.√√ (2)

25.9 UMamQhinebe ungumlinganiswa oyintloko√ intshukumo eya kwimpixano iqalwa nguye√√/uba nabalinganiswa abamxhasayo√√/uba nabalinganiswa abamchasayo√√ kuba ibali liqala ngaye liphinde liphele ngaye√√/zonke iziganeko zingqonge yena√√/uba nenjongo ethile afuna ukuyiphuhlisa nokuba kumnyama entla.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

25.10 Umxholo wale ncwadi ngowokuba indlala ingakwenza wenze izinto ongazithandiyo.√√ (2)

25.11 Yintlekele√ kuba khange kubekho bumnandi ukusuka ekuqaleni ukuya kuma ekugqibeleni.√√ (3)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye.)**

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), makisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini emide kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela umbuzo wokuqala kwiCANDELO ngalinye.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, makisha eyokuqala ungayihoyi elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa Intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo emide.*

8. Xa impendulo yombuzo omde imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo omde inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kummakishi ophezulu.

9. ***Sebenzisa iirubriki zokuhlola ezisisihlomelo A no B kuxwebhu lwezikhokelo zokuseta iimviwo ukumakisha imibuzo emide yabaviwa.***

10. *Imibuzo emifutshane*.

11. Musa ukumohlwaya umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

12. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Makisha impendulo exhasayo.

13. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI.

14. Makishwa impendulo exhasayo.

## ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

## ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| | **5-6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |
| **AMANQAKU** | **4** | **3** | **2** | **1** | **0–1** |

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO**<br><br>**15 AMANQAKU** | **13–15**<br>-Impendulo igqwesile 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | **10–12**<br>-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | **7–9**<br>-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga | **4–6**<br>-Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi | **0–3**<br>-Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**10 AMANQAKU** | **9–10**<br>-Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | **7–8**<br>-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu | **5–6**<br>-Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | **3–4**<br>-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | **0–2**<br>-Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.